



Isalathiso: 20190506-4350
Inombolo yefayili: 12/2/11/6/4
Imibuzo: SMM Rampou

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam yeGET: DCG 0011/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko eZinika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zemfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli beGET nabeFET, kuBacebisi beZifundo nakwiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezineeklassi zamaBakala 9 ukuya ku-11

Isihloko: Kucelwa izikolo ezinabafundi bamaBakala 9-11 zibhalisele uKhuphiswano i-SAASTA National Schools Debates Competition lwango-2019

1. Ukhuphiswano i-Science Schools Debates Competition yiprojekthi exhaswa ngemali yi-South African Agency for Science and Technology Advancement (SAASTA). Iinjongo eziphambili zokhuphiswano lweengxoxo (Debates Competition) zezi:
 - kukhuthaza abafundi bamaBakala 9 ukuya ku-11 baphengulule yaye bathethe ngemiba yezenzululwazi abathi baqubisane nayo kwiindawo abahlala kuzo, kumaphondo nakuzwelonke nokuba inzululwazi nethekhnoloji zinganako okanye zingangabinako njani na ukuyisombulula le miba;
 - kukuhanjiswa kwengcaciso yezenzululwazi (scientific information) kubafundi bezikolo eziphakamileyo ngendlela eyonwabisayo nangentsebenziswano ukwenzela ukukhuthaza umdla wabafundi; kunye
 - nokukhuthaza umdla wabafundi kumakhondo omsebenzi anxulumene nezenzululwazi, ezobunjini nezethekhnoloji eMzantsi Afrika ukwenzela ukuba bakhuthalele ukufundela la makhondo omsebenzi.
2. Ukhuphiswano luvuleleke kubo bonke abafundi abenza izifundo ezinxulumene nezenzululwazi kumaBakala 9-11 kuzo zonke izikolo ezizisekondari neziphakamileyo ezikumanganaba 1, 2, 3 no-4 entlupheko:
 - abanomdla wokuphuhlisa izakhono zophando (scientific research) ezokuzikisa ukucinga nezengcaciso yolwazi lokufunda nokubhala (information literacy skills),
 - babe ngabafundi abacinga ngokuphangaleleyo; kwakunye
 - nabavumayo ukusebenza ngamaqela ukuza nemiba emakuxoxwe ngayo esengqiqweni nenentsingiselo ecacileyo.

3. Umbutho i-SAASTA *Schools Debates* uvumela abafundi abaxoxayo basebenzisane yaye bafumane izisombululo ezamkelekileyo. Olunye uphawu olunomdla ziimbizo ezincinane (*mini-imbizos*) nabafundi apho abafundi banako ukusebenzisana bebonke yaye babelane ngezimvo ngethuba leengxoxo zamaqelana amancinci nangokusebenzisa amaqonga onxibelelwano (*social media*).
4. Ukungenela ukhuphiswano, izikolo:
 - mazikhethe abafundi abahlanu kumaBakala 9-11 benze iqela eliya kumela isikolo kukhuphiswano lweengxoxo;
 - mazikhethe umcebisi (ongutitshala) omakaqeqeshe abafundi; yaye
 - mazithumele i-imeyili enamagama omcebisi (ongutitshala), inombolo yefoni negama lesikolo apha: debates@saasta.ac.za
(Ifom yokungenela iqhotyoshelwe njengesiHlomelo A).
5. Izikolo ezingenele ukhuphiswano ziya kumenywa zithathe inxaxheba kumasifundisane wezakhono oqhutywa yi-SAASTA ngoMgqibelo we-03 Agasti 2019:
 - wokuxhobisa abafundi ngezakhono zonxibelelwano;
 - wokubakhuthaza bazithembe xa beveza izimvo zabo; kwakunye
 - nokuvuselela umdla phakathi kwabafundi wokuba bafunde izifundo zamakhondo ezenzululwazi, ezobunjinieli nezethekhnoloji (*science, engineering and technology (SET)*) ngokwenza uphando nokuxoxa ngezihloko ezikumgangatho ophezulu.
6. Amaqela angenele ukhuphiswano alindeleke ukuba enze inkcazo yokuvula yemizuzu emibini nenkcazo yokuvala yemizuzu emibini esekelwe kwisihloko abaya kusinikwa kumasifundisane wephondo ngoMgqibelo we-03 Agasti 2019. Iimanyuwali zoqeqesho nezengxoxo ziya kunikwa amaqela kulo masifundisane.
7. Izikolo ezilishumi ezigqwesileyo ezichongiweyo ngethuba loqeqesho, ziya kuthatha inxaxheba emva koko kukhuphiswano lweengxoxo lwephondo ngoMgqibelo we-31 Agasti 2019 apho amaqela aya kukhuphisana phakathi kwawo. Olu khuphiswano luya kusingathwa ligqiza labagwebi bephondo.
8. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kucetyiswa izikolo ukuba zindwendwele iziko lewebhu i-SAASTA *Schools Debates Competition website* apha www.saasta.ac.za
9. **Umhla omisiweyo wokuvala ukungenela ukhuphiswano ngulwesine we-30 Meyi 2019**, ezinzulwini zobusuku.
10. Isikolo esiphumelelayo kukhuphiswano lweengxoxo zezikolo ezilishumi ezigqwesileyo kwiphondo, siya kumela iphondo kukhuphiswano lokugqibela lwabagqwesileyo ngoLwesithathu we-25 Septemba 2019.
11. Umba obaluleke gqitha kukuqatshelwa, ukulawulwa nokukhuthazwa kwetalente yezenzululwazi kwizikolo zethu.


12. ISebe iWCED ke ngoko licela izikolo ukuba zingenele abafundi abasithanda ngokumangalisayo iSifundo seNzululwazi abakumaBakala 9-11 kuKhuphiswano i-2019 *National I Schools Debates Competition*.
13. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2019-05-16

SAASTA National Schools Debates: Entry 2019



PROVINCE	
School name	
School physical address	
School postal address	
District	Quintile
Telephone number	Fax number
Email address	
TEACHER (This will be the competition's contact for the duration of the year.)	PERSPECTIVE (choose one for workshop)
Name	Application and benefit
Cellphone number	Economic
Email address	Socio-cultural
Preferred method of communication	Political
More information about perspectives can be found at www.saasta.ac.za/competitions/national-schools-debates/	

DECLARATION

I, the undersigned, _____, hereby confirm that I am the educator responsible for the team that will represent our school in the **2019** SAASTA National Schools Debates Competition, and that all the information provided is correct. I also agree to abide by the rules and conditions of the SAASTA National Schools Debates Competition.

Signed:

Date:

SCHOOL STAMP

